


1. Yhini, Mnumzana Nkawu!



2. Idabi lomoya nelanga



3. Amalungiselelo ohambo



4. Kusebusuku efama



# ☆☆☆ Incwadana 3B

## Isiqulatho

1. Yhini, Mnumzana Nkawu! .....	1
2. Idabi lomoya nelanga .....	11
3. Amalungiselelo ohambo.....	21
4. Kusebusuku efama.....	31

### Ibanga lesi-3 ☆☆☆ Incwadana 3B

- Umhleli wothotho: **Jenny Katz**
- Abaqambi bamabali: **Mirna Lawrence noJenny Katz**
- Imibuzo emva kokufunda nemisebenzi: **Jenny Katz**
- Incutshe kulwimi isiXhosa: **Nolitha Bikitsha**
- Umhleli wolwimi isiXhosa: **N. Gxowa-Dlayedwa, University of the Western Cape, Linguistics Department**
- Abazekelisi: **Vusi Malindi** - 1. Yhini, Mnumzana Nkawu!  
**Marleen Visser** - 2. Idabi lomoya nelanga, 4. Kusebusuku efama  
**Pinkie Wilson** - 3. Amalungiselelo ohambo
- Uyilo nongqaleko: **Resolution noihwhiteDesign**



# 1. Yhini, Mnumzana Nkawu!



## PHAMBI KOKUBA UFUNDE IBALI

**Qiniseka ukuba uyayazi intsingiselo yala magama alandelayo** uhombile, ooni nooni, iphunga, siyaxuxuzela, uyadumzela, etyedile, krwaqu, makazincede, ungumpatsiya, ezibhenca-bhenca, ayemka nomsinga, bachithe ixesha, ukhangeleka

**Qiniseka ukuba ungakwazi ukufunda la magama alandelayo** namenywe, nomnqwazi, unqonkqoza, ngokunganqandekiyo, alungiselelwe, krwaqu

UNkosazana Nkawu uyamthanda kakhulu ummelwane wakhe onguMnumzana Nkawu. Ngenye imini unkosazana umema umnumzana ukuba bachithe ixesha bephunga iti bobabini.

Unkosazana ubhaka isonka esimnandi. Usisika sibe ngamaqhekeza, asibeke efestileni ukuze siphole. Ulungisa namaqhekezana esonka samasi awabeke ecaleni kwesonka sombhako.

Unkosazana uyahamba ukuya kuzilungisa ukuze abukeke abe mhle kuba ufuna uMnumzana Nkawu amthande.



UMnumzana Nkawu uyafika kwankosazana kanye ngexesha elibekiweyo namenywe ukuba aze afike ngalo. Uhombile mhle, uyabukeka kule suti yakhe ehambelana nomnqwazi. Uphethe iintyatyambo ezintle azithengele uNkosazana Nkawu. Ukhangeleka elinene ngenene umnumzana!



Umnumzana akatyanga ngayo le ntsasa. Isisu sakhe usilungiselele elo xesha limnandi aza kulichitha noNkosazana Nkawu besitya ooni nooni. Kodwa seleqala ukulamba, isisu sakhe siyakhala, siyaxuxuzela!

Umnumzana unkqonkqoza emnyango kwaNkosazana Nkawu.



‘Ndinga nje imizuzwana embalwa mnumzana. Ndisalungisa, kodwa ke andizi kuthatha thuba lide ndibe kunye nawe,’ uyasabela unkosazana.

‘Sitya nini?’ uyabuza uMnumzana Nkawu, ethembile, elinde ngaphandle komnyango.

UNkosazana Nkawu akaphenduli. Uxakekile kakhulu, uyazilungisa, uziqaba umlomo ukuze abukeke abe mhle, umnumzana amthande.

UMnumzana Nkawu uthula umnqwazi alinde ngaphandle esitulweni. Emva kwexeshana nje, kudlula iphunga lesonka sombhako esinuka kamnandi. Unambitha iphunga umnumzana. Limnandi ngeyona ndlela, isisu sikhhalaza ngamandla, siyakhala, siyaxuxuzela. Uziva elambe kakhulu! Kufuneka nakanjani efumene into etyiwayo!

Kusenjalo, umnumzana ubona naso isonka nesonka samasi sibekwe efestileni.

'Andinakulinda!' ethetha yedwa, uthatha kuloo maqhekeza esonka esibhakwe nguNkosazana Nkawu. Uthatha neqhekezana lesonka samasi.

'Mmm, mmm, mmm,' uyadumzela unambitha isonka nesonka samasi, umnumzana.



UMnumzana Nkawu uyaqhubeka ukuzinceda ngesonka nesonka samasi sikaNkosazana Nkawu. Naye uNkosazana Nkawu akade agqibe ukuzilungisa. Uziqaba ubuso uyabuhombisa ngocoselelo. Umana ezibuka esipilini ezibhenca-bhenca. Ufuna ukuba mhle ngeyona ndlela imangalisayo!



‘Sitya nini?’ uMnumzana Nkawu uyabuza kwakhona, esalinde njalo apho ngaphandle.

UNkosazana Nkawu akagqibi, usaxakekile uyazilungisa.

UMnumzana Nkawu usalambile. Uthi nje akunukisa esi sonka sombhako, isisu sakhe sikhale ngamandla, sixuxuzele ngokunganqandekiyo. Ufuna ukutya! Akanakulinda! Ukunciphisa indlala umnumzana, uyabona ukuba makazincele kwakhona ngelinye iqhekeza lesonka neqhekezana lesonka samasi.





UNkosazana Nkawu uyalibazisa. Usaxakekile  
usazilungisa. Uzihombisa ngamatye akhe anqabileyo.  
Ulungisa iinwele zakhe. Uyaziqhola nokuziqhola.  
Umana evuthulula, ezibhenca-bhenca.

Yena uMnumzana Nkawu, olinde ngaphandle,  
uyaqhubeka, uzityela isonka sombhako nesonka  
samasi alungiselelwe zona nguNkosazana Nkawu.



Ekugqibeleni, wade wagqiba unkosazana.

Evela, evula ucango, emhle encumile, uyabulisa unkosazana, 'Wamkelekile Mnumzana Nkawu. Nceda ngena ngaphakathi. Mna nawe, siza kutya isonka esimnandi endikubhakele sona nesonka samasi.'

'Hayi, nkosazana! Andiqondi ukuba kukho nto ingenye iya kulunga kwesi sisu sam. Indlela le endihluthi ngayo!' watsho, ephendula uMnumzana Nkawu, etyedile, engakwazi nokuhlala kakuhle.

UNkosazana Nkawu wathi krwaqu izitya, kuphele kwanto. Wathi krwaqu uMnumzana Nkawu, umnumzana, uhluthi ungumpatsiya. Ayizange imonwabise kwaphela yonke loo nto wayeyibona unkosazana. Onke amalungiselelo akhe ayemke nomsinga!

'Mnumzana Nkawu uyarhala, awunaso nesimilo!

Usitye sonke isonka sam sombhako nesonka samasi. Andisoze ndibuye ndikumeme kwam kwakhona!'

*Wena,  
ubungammema  
kwakhona?*



# Yhini, Mnumzana Nkawu!

## A. Uvavanyo lokuhlola ulwazi

Sebenzisa izivakalisi ukuphendula imibuzo.

1. Walungisa ntoni uNkosazana Nkawu ukwamkela uMnumzana Nkawu?
2. UNkosazana Nkawu wabeka isonka efestileni \_\_\_\_\_.
  - a) ukuze uMnumzana Nkawu afikelele kuso
  - b) ukuze uMnumzana Nkawu asinukise
  - c) ukuze siphole
3. Wenza ntoni uMnumzana Nkawu ukuze athandeke kuNkosazana Nkawu? (*Tyhila iphepha lesi-3 ukukunceda.*)
4. Yintoni le eyayimlibazisa kangaka uNkosazana Nkawu?
5. Umnumzana Nkawu waqala wasitya isonka nesonka samasi kuba \_\_\_\_\_.
  - a) sasimnukela kamnandi simrhalisa
  - b) wayediniwe kukulinda uNkosazana Nkawu
  - c) wayelambile
  - d) Zonke iimpendulo ezingentla.
6. Wenza ntoni uNkosazana Nkawu ukuzenza mhle?
7. Ucinga ukuba uNkosazana Nkawu kwakufanelekile ukuba amqumbele uMnumzana Nkawu? Nika isizathu ukuxhasa impendulo yakho.

8. Phawula ngolu hlobo (X) izivakalisi ezingeyonyani uze uphawule ngolu hlobo (✓) izivakalisi eziyinyani.

a) Iinkawu zinemisila emide.	
b) Iinkawu ziyakwazi ukubhaka isonka.	
c) Iinkawu zinezandla ezifanayo nezethu.	
d) Iinkawu zinxiba impahla.	

## B. Ukusetyenziswa kolwimi

Incwadi yomsebenzi yoku-1 yeBanga lesi-3 yakwa-DBE: Iphepha 92.  
Incwadi yomsebenzi yesi-2 yeBanga lesi-3 yakwa-DBE: Iphepha 41, 46, 75, 112

Dibanisa izivakalisi zibe sisivakalisi esinye.

1. UNkosazana Nkawu usika isonka samasi.  
Ubeka isonka samasi esityeni.
2. UNkosazana Nkawu uzihombisa ngamatye anqabileyo.  
UNkosazana Nkawu uzilungisa iinwele.

Sebenzisa igama u-'kodwa' ukudibanisa izivakalisi.

3. UMnumzana Nkawu ufuna ukutya.  
UNkosazana Nkawu akakalungi.
4. UNkosazana Nkawu uqumbile.  
UMnumzana Nkawu yena uhluthi wonwabile.

## C. Ukubhala

Incwadi yomsebenzi yoku-1 yeBanga lesi-3 yakwa-DBE: Iphepha: 36, 38  
Incwadi yomsebenzi yesi-2 yeBanga lesi-3 yakwa-DBE: Iphepha 18, 86, 106, 109

Linganisa ngathi unguMnumzana Nkawu. Bhala ileta ucela uxolo kuNkosazana Nkawu.

## 2. Idabi lomoya nelanga

*Enye yeentsomi zika-Aesop ezinemfundiso  
'Umoya ovela eNtla nelanga'*



### PHAMBI KOKUBA UFUNDE IBALI

**Qiniseka ukuba uyayazi intsingiselo yala magama alandelayo**  
ndigquthe, ndibhudle, nesivundu-vundu, igexa, idedela, libengezela,  
yayityatha, lanqwala, yayigoqa, ndiyakuhlonipha, elulamileyo,  
ethozamileyo, gadalala

**Qiniseka ukuba ungakwazi ukufunda la magama alandelayo**  
nditshabalalisa, wawuyityhiliza, yaqhaq hazela, kukutyhilizwa,  
ziqengqelekile, mayiwaq hoboshe, asenokubonakaliswa

Ngenye imini ebusika, umoya nelanga bayaphikisana.

'Ndinamandla kunawe, Langa. Indlela endinamandla ngayo, ndingavuthuza, ndigquthe kuwe imithi emikhulu,' waqala watsho umoya.

'Hayi, musa ukuziqhatha. Ndim onamandla kunawe, Moya. Mna ndingabalela ndigqatse kutshe amahlathi,' laphendula latsho ilanga.

'Ke mna ndinguMoya, ndibhudle kube nesivundu-vundu, unabe wena mlilo, ugqibe ilizwe lonke, mna nditshabalalisa, kutshe nje yonke into endidibana nayo,' waqhubeka, watsho umoya.



Baqhubeka, besenza loo nto ke ukuphikisana umoya nelanga. Besaphikisana njalo, kwavela indoda inxibe, yazaleka ngempahla yobusika. Yayombathe ijezi enkulu eyenziwe ngoboya, efudumeleyo.

'Masiyeke ukube sixoxa. Masibonakalise amandla. Siya kubona ke ngoko ukuba ngubani na onamandla ukudlula omnye! Oye wakwazi ukususa laa jezi emqolo walaa ndoda, uya kube uphumelele!' wakhokelisa, watsho umoya.

'Kulungile ukuba utsho. Qhuba ke, Moya, qala wena,' latsho ilanga.





Waqala umoya obandayo, wavuthuza. Wawuyityhiliza indoda, uyijikelezisa, uyijika-jika kungelula kuyo ukuhambela phambili. Yaqala indoda yaqhaq hazela, igodola, umoya uyixakekisa, umane uyitsalela calanye, ubuye uyitsalele macala onke. Yabambelela ejezini yayo, yayigoqa, yayisondeza yayincamathelisa esiqwini sayo, izama ukuzikhusela.

Umoya waye uvuthuza ngawona mandla, nendoda kwaye kusiba nzima kuyo ukuqhubekela phambili. Yayihamba igexa, ixhathisile, isabambebele njalo ejezini yayo, iyiqinisile. Kwakugqutha kakhulu ngolona hlobo, ilizwe lalifihlakele ngamagqabi emithi, uthuli nenkunkuma. Wona umnqwazi wendoda, wawuphaphatheke, waya kuwa kude lee, umana ubhabha ubuye uqengqeleke kukutyhilizwa ngumoya.





Izitulo nemigqomo yenkunkuma nazo zaziwile ziqengqelekile.

Wawuvuthuza ngamandla, ubhudla umoya. Yabona indoda, ukuba mayiwaqhoboshe onke amaqhosha ejezi, ibambelele kuyo, iyiqinise, ukuze ingahlukani nayo kweso sivundu-vundu somoya.

Wawudiniwe ngoku umoya uvuthuze ngokwaneleyo. Wayeka ukuvuthuza. Yayilithuba lelanga ukuba lizibonakalise amandla alo.

‘Qhuba, Langa, zibonakalise,’ watsho umoya.



Ilanga laqala lavela kancinci emva kwelifu, lakhazimla.  
Laye livela ngathi liyasondela, amafu elidedela, imitha  
isiya ifudumala. Iqabaka yayinyibilika, impepho  
ifudumala, indoda yayeka ukuqhaq hazela, imitha  
yelanga isitsho kamnandi kuyo.

Lalisiya libengezela ilanga liqhubeka lisiya liba shushu.  
Indoda yanyenyisa iqhina, yakhulula namaqhosha ejezi.



Laye ligqatsa ilanga nemitha isiya iba shushu, itshisa kanobom.

Indoda yayikhulula ijezi, yayityatha egxeni, yonwabela ubushushu belanga.

Ilanga nomoya bathula bathi cwaka okwexeshana. Bayibukela indoda isonga imikhono yehempe, ityathe ijezi yayo egxeni. Yachola umnqwazi wayo, yeva endleleni, iqhubeka nohambo lwayo, yaya kusithela.

'Ubutshilo, Langa. Undoyisile. Uphumelele. Eneneni unamandla angaphezu kwawam,' wavakala, usitsho umoya.

'Enkosi, Moya. Isenokuba ndiphumelele, kodwa, kunjalo, nam ndiyakuhlonipha. Nawe unawo amandla kakhulu,' laphendula, latsho ilanga.

Wemka umoya upholile, uzula-zula yonke indawo emhlabeni naphezu kolwandle. Lanqwala ilanga, liqhubeka nohambo lwalo olusuka empuma lusiya entshona esibhakabhakeni.



Ibali lisifundisa ukuba amandla asenokubonakaliswa ngendlela elulamileyo nethozamileyo. Ukunyanzelisa nokuba gadalala akuyiyo indlela elungileyo yokuwabonakalisa.

# Idabi lomoya nelanga

Incwadi yomsebenzi  
yoku-1 yeBanga  
lesi-3 yakwa-DBE 53  
Iphepha II2

## A. Uvavanyo lokuhlola ulwazi

Sebenzisa izivakalisi ukuphendula imibuzo.

- Eli bali linge \_\_\_\_\_.
  - indoda ezihambela endleleni
  - impikiswano phakathi komoya nelanga
  - amandla amakhulu omoya
- Kwakuleliphi ixesha lonyaka? Yintoni echaza oko?
- Umoya nelanga babephikisana ngantoni?
- Ophumeleleyo ukhuphiswano wayeza kube \_\_\_\_\_.
  - woyikise indoda
  - utyhilize indoda yaya kuwa
  - ususe ijezi yendoda emqolo
  - Zonke iimpendulo ezingentla.
- Yintoni ekuchazela okokuba umoya wavuthuza ngamandla amakhulu kakhulu?
- Yayithini ijezi indoda wakuvuthuza kakhulu umoya?
- Phawula izivakalisi ngenani u-1 ukuya ku-4 ngokokulandelelana kwazo okuchanekileyo.

a) Umoya wavuthuza indoda yabambelela ejezini yayo yayisondeza esiqwini sayo.	
b) Ngulowo nalowo waba nethuba lokuzama ukususa ijezi yendoda.	
c) Ilanga latshisa indoda yayikhulula ijezi.	
d) Ilanga nomoya baphikisana ngonamandla omnye ukudlula omnye.	

- Ngubani owaphumelelayo? Ibonisa ntoni loo nto?

## B. Ukusetyenziswa kolwimi

Incwadi yomsebenzi yesi-2 yeBanga lesi-3 yakwa-DBE: Iphepha 27, 29

Khuphela ugqibezele izivakalisi ngokufakela isihlomelo esichanekileyo.

ngobunono	usiqinise	ngamandla	fudumeleyo	phantsi
-----------	-----------	-----------	------------	---------

1. Kuyabanda namhlanje, kufuneka unxibe \_\_\_\_\_.
2. Thethela \_\_\_\_\_ xa usecaweni.
3. Imithi iyagoba xa umoya uvuthuza \_\_\_\_\_.
4. Intshontsho lekati kufuneka ulibambe \_\_\_\_\_.
5. Vala isiciko \_\_\_\_\_ ukuze ubisi lungachitheki.

## C. Ukubhala

Incwadi yomsebenzi yoku-1 yeBanga lesi-3 yakwa-DBE: Iphepha 89  
(iziganeko eziphawulwe kwidayari)

Incwadi yomsebenzi yesi-2 yeBanga lesi-3 yakwa-DBE: Iphepha 74 (imozulu)

Zigcinele idayari yemozulu yeveki. Bhala usuku nomhla. Yonke imihla, bhala izivakalisi zibe zibini ngemozulu.

<b>Mgqibelo</b> Umhla:	
<b>Cawe</b> Umhla:	
<b>Mvulo</b> Umhla:	

njalo-njalo

# 3. Amalungiselelo ohambo



## PHAMBI KOKUBA UFUNDE IBALI

**Qiniseka ukuba uyayazi intsingiselo yala magama alandelayo** ikhefu, iphini, ndiyarhweba, ingqokelela, nokuqhola, ongumrhwebi, iinkatha zeqakamba, yomdyarho

**Qiniseka ukuba ungakwazi ukufunda la magama alandelayo** amalungiselelo, ngeenqwelo-moya, elingusomashishini, umxwayo, entlobo-ntlobo, ngokomsebenzi, ndiyokundwendwela, ongumrhwebi

Yonke imihla emhlabeni abantu bathabatha uhambo. Bahamba ngeendidi zezithuthi ezahlukeneyo besiya kwiindawo ngeendawo zelizwe. Abanye bahamba ngeemoto, abanye ngoololiwe. Abanye bahamba ngeebhasi, abanye ngeeteksi. Abanye bahamba ngeenqanawa, abanye ngeenqwelo-moya.

Siza kuncokola nabantu abalungiselela ukuthabatha uhambo. Ingaba bayaphi bethu? Ucinga ukuba baza kuhamba ngantoni?

Nali inene elingusomashishini nelihamba-hambayo ngokomsebenzi walo. Lilungiselela ukuthabatha uhambo ngomso. Lipakishe ezona hempe zalo, iisuti namaqhina kule tyesana. Ngoku lipakisha iincwadana namaphepha omsebenzi abalulekileyo. Eyona nto ibalulekileyo ngohambo, itikiti, unalo!



'Ndonwabile kakhulu ndiza kuthabatha olu hambo. Ndiyawuthanda kakhulu umsebenzi wam. Ndiyakuthanda kakhulu nokuhamba,' litsho inene elingusomashishini.



Izikolo zivaliwe, lixesha leholide kumfundi weyunivesithi. Ke ngoko uza kuthabatha ikhefu ukuya kunkampisha ngengomso. Uxakekile umfundi wenza amalungiselelo. Upakishe umxwayo wengxowa yakhe yempahla yokunkampisha. Upakishe nengxowa yakhe yokulala. Eyona nto ibalulekileyo ngohambo, itikiti, unalo!

‘Ndonwabile kakhulu ndiza kuba nolu hambu! Ndiyakuthanda ukunkampisha, ndiyakuthanda nokuhamba,’ utsho umfundi.



Umntwana wesikolo uthabatha uhambo ngomso uya kukhenketho lweqakamba. Uxakekile wenza amalungiselelo. Upakishe iimpahla zakhe zesikolo, nezinye njee iimpahla zokunxiba. Ngoku upakisha ingxowa yakhe yeempahla zokudlala, iinkatha zeqakamba, iphini neebhola. Eyona nto ibalulekileyo ngohambo, itikiti, unalo!

'Ndonwabile ndiza kuhamba. Ndiya kuthanda ukudlala iqakamba. Ndiya kuthanda nokuhamba!' utsho umntwana wesikolo.



Uso mashishinikazi uthabatha uhambo ngomso ukuya kuthengisela athengele amashishini. Uso mashishinikazi uthengisela, athengele amashishini impahla yokurhweba entlobo-ntlobo ukuze ifumaneke kumashishini ngamashishini kulo lonke eMzantsi Afrika. Upakishe kule tyesana yakhe impahla yakhe yokunxiba nempahla yosana lwakhe. Upakishe kwityesi enkulu impahla aza kuyithengisela amashishini. Eyona nto ibalulekileyo ngohambo, itikiti, unalo!

'Ndiyakuthanda ukurhweba ndithengela, ndithengisela amashishini. Ndiyakuthanda kanjalo nokuhamba,' utsho uso mashishinikazi.



Umakhulu uthabatha uhambo ngomso ukuya kundwendwela intombi yakhe nabazukulwana bakhe abathathu. Upakishe iimpahla zakhe nezipho aziphathele usapho lwakhe. Ngoku upakisha kule ngxowana ingqokelela yokuzicoca, ukuthambisa nokuqhola umzimba wakhe. Eyona nto ibalulekileyo, itikiti, unalo!

‘Ndiyakuthanda ukundwendwela, ngakumbi usapho lwam. Ndiyakuthanda ukuhamba,’ utsho umakhulu.



Khawubukele aba bahambi bakhwele kuloliwe iGautrain namhlanje! Ingaba uyabazi ukuba ngobani? Linenekazi usomashishinikazi ongumrhwebi nosana lwakhe, linene usomashishini, ngumntwana wesikolo odlala iqakamba, ngumfundi nomakhulu! Inokuba bayaphi?

IGautrain iyabaleka kakhulu. Ibaleka ukudlula isithuthuthu, iteksi, idlula nditsho nemoto yomdyarho na kakade! Kodwa ...





Ajibaleki ukudlula inqwelo-moya!

Khangela, nazo izihlobo zethu zisiya kungena kwinqwelo-moya. Satsho sazi ukuba bahamba ngantoni kodwa, asikazi ukuba bayaphi na ...

Ungaqashela ukuba bayaphi?

# Amalungiselelo ohambo

## A. Uvavanyo lokuhlola ulwazi

Sebenzisa izivakalisi ukuphendula imibuzo.

1. Ingaba abantu abesebalini baya kufika njani kwisikhululo seenqwelo-moya?
2. Bahlala kweliphi iphondo abantu abasebalini? Xhasa impendulo yakho?
3. Yelelisa isithuthi ngasinye nendawo esihamba kuyo.
  - a) oololiwe  emanzini
  - b) iinqwelo-moya  emhlabeni
  - c) iinqanawa  emoyeni
4. Kwakutheni aze apakishe ingxowa yokulala umfundi?
5. Umntwana wesikolo \_\_\_\_\_.
  - a) uya kudlalela isikolo sakhe iqakamba
  - b) uya kwiiholide nezihlobo zakhe
  - c) ukhupha iimpahla zakhe nezixhobo zokudlala etyesini
6. Ngubani ohamba nosana lwakhe ukuthabatha uhambo?
7. Uqokelela nto zini oza kuzisebenzisa kwingxowana yezinto zokuthambisa?
8. Sesiphi kwezi esibaleka ngamendu aphakame ukudlula zonke?
  - a) izithuthuthu neemoto
  - b) iitekisi neebhasi
  - c) oololiwe neenqwelo-moya

## B. Ukusetyenziswa kolwimi

Incwadi yomsebenzi yoku-1 yeBanga lesi-3 yakwa-DBE: Iphepha 19

Incwadi yomsebenzi yesi-2 yeBanga lesi-3 yakwa-DBE: Iphepha 21, 53, 91

Kwela umgca ngaphantsi kwezimelabizo kwizivakalisi ezilandelayo.

Umakhulu upakisha ingxowana yakhe yezinto zokuthambisa. 'Ndiyakuthanda ukuhamba,' utsho umakhulu.

## C. Ukubhala

Incwadi yomsebenzi yoku-1 yeBanga lesi-3 yakwa-DBE: Iphepha 93, 96

Khetha sibe sinye kwezi zihloko oza kubhala ngaso.

1. Wakhe waluthabatha uhambo? Bhala ubude izivakalisi nokuba zi-6 ukuya kwisi-8 uchaza ngohambo lwakho, apho wawusiya khona, iimpahla owawuhambe nazo, isithuthi owahamba ngaso, nexesha owalichitha endleleni, njalo-njalo.

OKANYE

2. Ingaba wakhe walisebenzisa itikiti? Bhala ubude kangangezivakalisi ezi-6 okanye ezi-8 uchaza ukuba itikiti lalilelantoni, laliyimalini, lwaba njani uhambo, njalo-njalo.



# 4. Kusebusuku efama



## PHAMBI KOKUBA UFUNDE IBALI

**Qiniseka ukuba uyayazi intsingiselo yala magama alandelayo**  
zole, rheceza, dloba, iwangquzula, thomalalisa, eziqhusheka, qhwaya,  
umqhagi, xokozela, ubhubhane

**Qiniseka ukuba ungakwazi ukufunda la magama alandelayo**  
ikrweca, lomkhenkce, ilityhala, mhemfu, amantshontshwana, ekrwela,  
exhola-xhola

Kusebusuku efama. Kuthule zole cwaka esitalini samahashe.

Imazi yehashe idiniwe emva kwemini ende iphala iqabadula. Inkonyana nalo lidiniwe kukubaleka ecaleni lilandela unina imini le yonke. Kuhlwile, lixesha lokuphumla, lixesha lokulala. Imazi yehashe iyalala, isondela kumntwana walo, imane ilirheceza ilonwaya inkonyana ngalo msila walo uthambileyo. Cum! Lilele inkonyana, likobude ubuthongo.




### Iinkcukacha ngamahashe

1. Amahashe zizilwanyana zasekhaya.
2. Kukho iinkunzi zamahashe, iinkabi zamahashe neemazi zawo. Umntwana wehashe ubizwa ngokuba linkonyana.
3. Amahashe aluncedo ekutsaleni imithwalo enzima. Abantu bakhwela amahashe ukuwasebenzisa njengesithuthi.

Kusebusuku efama. Kuthule zole cwaka ebuhlanti beenkomo.

Imazi yenkomo idiniwe emva kwemini ende isitya ingca edlelweni, isengwa nokusengwa. Inkonyana layo nalo lidiniwe emva kwemini ende, lidloba lisitya ingca edlelweni. Kuhlwile, lixesha lokuphumla, lixesha lokulala. Imazi yenkomo iyalala, isondela kwithole layo, imane ikrweca inkonyana ngophuphu thambileyo nangobubele. Cum! Lilele ithole, likobude ubuthongo.



### Iinkcukacha ngeenkomo

1. Iinkomo zizilwanyana zasekhaya.
2. Kukho iinkunzi zeenkomo, iinkabi zeenkomo neemazi zeenkomo. Umntwana wenkomo ubizwa ithole okanye inkonyana ekuzalweni.
3. Imazi zeenkomo kufumaneka kuzo ubisi oluluncedo ebantwini. Kubisi, sifumana isonka samasi, ibhotolo, ucwambu olungamafutha nocwambu lomkhenkce okanye iyiskrim. Sikwafumana inyama kwakunye nesikhumba enkomeni.

Kusebusuku efama. Kuthule zole cwaka ebuhlanti beebhokhwe.

Amatakane amathathu ebhokhwe adiniwe emva kwemini ende ebaleka, eleqana, edlala ebaleni. Kuhlwile, lixesha lokuphumla, lixesha lokulala. Imazi yebhokhwe iyalala, isondela kumatakane ayo, imane iwangquzula kancinci ngobubele ngentloko yayo. Amatakane avala amehlo. Cum! Alele akobude ubuthongo amatakane.



### Iinkukacha ngeebhokhwe

1. Iibhokhwe zizilwanyana zasekhaya.
2. Kukho iinkunzi zeebhokhwe, iinkabi zeebhokhwe neemazi zeebhokhwe. Umntwana webhokhwe ubizwa ngokuba litakane.
3. Iimazi zeebhokhwe sifumana kuzo ubisi, ze kubisi sifumane isonka samasi. Sikwafumana nenyama ezibhokhweni.

Kusebusuku efama. Kuthule zole cwaka ehokweni yehagu.

Amantshontswana ehagu adiniwe emva kwemini ende, edlala eludakeni. Amane kuwo ayalala ecaleni kukanina. Ewe, kuhlwile, lixsha lokuphumla, lixsha lokulala. Elokugqibela lona intshontswana lisafuna ukudlala. Imazi yehagu imane ilityhala ngobubele eli ntshontswana ligezayo, ilithomalalisa ngalo mhemfu yalo, ililalisa. Cum! Imazi yehagu namantshontswana ayo akobude ubuthongo.



### Iinkcukacha ngeehagu

1. Iihagu zizilwanyana zasekhaya.
2. Kukho iinkunzi zeehagu, iinkabi zeehagu neemazi zeehagu. Umntwana wehagu ubizwa ngokuba lintshontsho okanye intshontswana.
3. Kwihagu, sifumana inyama. Esilungwini, inyama yehagu ibizwa ngamagama ahlukeneyo.

Kusebusuku efama. Kuthule zole cwaka ebuhlanti beegusha.

Amatakane amabini egusha adiniwe emva kwemini ende etsiba-tsiba, etaka-taka, edlobile engceni edlelweni. Amatakane ayalala engceni ethambileyo ayasondela eziqhusheka kuloo mzimba kanina unoboya obutofo-tofo nobufudumeleyo. Kungekudala aza kulala cum, abe kobude ubuthongo.



### Iinkcukacha ngeegusha

1. Iigusha zizilwanyana zasekhaya.
2. Kukho iinkunzi zeegusha, iinkabi zeegusha neemazi zeegusha. Umntwana wegusha ubizwa ngokuba litakane.
3. Kwiigusha sifumana uboya obenza iingubo, amabhayi, iimpahla ezifana nejezi kwanazo nezikhafu. Kwakuzo iigusha sikwafumana inyama. Esilungwini inyama yegusha ibizwa ngamagama ahlukeneyo.

Kusebusuku efama. Kuthule zole cwaka ehokweni yeenkukhu.

Amantshontsho adiniwe emva kwemini ende eqhwaya, ekrwela, exhola-xhola entlabathini. Isikhukukazi siyalala simane sikhukhumala, siqhusheka amantshontsho aso, siwafudumeza phantsi kwezo ntsiba zaso. Amathathu kuwo akalibazisi ayalala, akobude ubuthongo. Elesine lona intshontshwana lifuna ukutefiswa liculelwe ukuze lilale. Siyavuma naso isikhukukazi, siyakokoza siyacula. Yoyi! Wonke amantshontsho alele, akobude ubuthongo.



### Iinkukacha ngeenkukhu

1. Iinkukhu zizilwanyana zasekhaya.
2. Kunemiqhagi, iinkabi zeenkukhu nezikhukukazi. Umntwana wenkukhu ubizwa intshontsho.
3. Kwiinkukhu, sifumana amaqanda nenyama.

Kusebusuku efama. Kuthule zole cwaka efama kodwa, HAYI kulaa mthi mkhulu womnga. Kulo mthi, kuyaxokozela. Kaloku, kusile kumantshontsho esikhova. Bezilele imini le yonke. Ziyavuka ngoku, kusemini kuzo ebusuku!

Unina wamantshontho, isikhova siyawanyumbaza amantshontshwana aso ngaloo mlomo waso. Nawo avula amehlo, ayazamla, ayazolula kwaye asozela.

'Hu-hu,' ayakhala amantshontsho, unina ubhabhe waya kutshona eyokuzingela ukutya.



Amantshontshwana, aza kumlinda ubusuku bonke.



### Iinkcukacha ngezikhova

1. Izikhova ziintaka zasendle eziphila ngokuzingela amaxhoba, oku kuthetha ukuba ziphila ngokutya inyama.
2. Izikhova zizingela ukutya kwazo ebusuku.
3. Izikhova ziluncedo kuba zitya obhubhane, izitshabalalisi ezifana namabuzi neempuku.
4. Njengazilwanyana zonke zasendle, nazo izikhova kufuneka zikhuselwe.



# Kusebusuku efama

## A. Uvavanyo lokuhlola ulwazi

Sebenzisa izivakalisi ukuphendula imibuzo.

- Ibali lithetha ngantoni?
  - izilwanyana zasendle
  - izilwanyana zasekhaya
  - izilwanyana ezithanda ukulala ngalo lonke ixesha
- Sesiphi isilwanyana esikwaziyo ukusikhwela thina singabantu? Khuphela isivakalisi esingqina oko.
- Sesiphi isilwanyana ebalini esisesona sinabantwana abaninzi?
- Phawula ngolu hlobo (X) ibhokisi ecaleni kwempendulo echanekileyo. Iigusha zisinika \_\_\_\_\_.

ubisi	
amaqanda	
uboya	
zonke iimpendulo ezingentla	

- Zilala phi iibhokhwe?
- Zeziphi izilwanyana ebalini ezingezozilwanyana zasekhaya?
- Kungani kufuneka sizikhusele izikhova? Ziluncedo kanjani eluntwini?

## B. Ukusetyenziswa kolwimi

Incwadi yomsebenzi yoku-1 yeBanga lesi-3 yakwa-DBE: Iphepha 46, 59, 76, 84, 118, 130  
Incwadi yomsebenzi yesi-2 yeBanga lesi-3 yakwa-DBE: Iphepha 28, 76

1. Bhala kwakhona izivakalisi zibe kwixesha eladlulayo.  
Amatakane ayatsiba-tsiba, lo gama iigusha zisitya ingca.
2. Bhala kwakhona izivakalisi zibe kwixesha elimiyo.  
Ithole lalidlala edlelweni, lo gama umfama wayesenga imazi.

## C. Ukubhala

Incwadi yomsebenzi yoku-1 yeBanga lesi-3 yakwa-DBE: Iphepha 11, 28  
Incwadi yomsebenzi yesi-2 yeBanga lesi-3 yakwa-DBE: Iphepha 71, 79

Zoba ugqibezele iinkcukacha encwadini yakho ngezilwanyana zasefama ezintandathu nezisebalini. Sebenzisa ezi zihloko zilandelayo:

Igama lesilwanyana	Igama lomntwana wesilwanyana	Uncedo esilufumana kwisilwanyana



# ★ ★ ★ Incwadana 3B

Iincwadana zeBanga lesi-3 zehlelo i-Vula Bula zibonelela abafundi abatsha ukuziqhelanisa ukufunda ngobuciko. Incwadana nganye iqulathe amabali amane amanye wawo azintsomi nahlukileyo angezinto ezenzekayo. Ibali ngalinye likhokelwa luhlu lwamagama antsingiselo intsokothileyo namagama 'anobunzima' abafundi abalindeleke ukuba babenobugcisa bokuwafunda. Ibali ngalinye likhatshwa yimibuzo evavanya nehlola ulwazi, ndawonye nemisebenzi engolwimi nokubhala, makhonkco ako konke oku aqhagamshelene neCAPS kanjalo neencwadi ii-'Workbooks' zakwa-DBE.



## ★ ★ INCWADANA 1A

1. Iyandilibazisa le kawusi
2. Kutheni na enje?
3. Iqhekeza lokugqibela
4. Limdaka eli gumbi!

## ★ ★ INCWADANA 1B

1. Utata usele nosana
2. Ujikeleza
3. Kumnandi ukunikela
4. Umfanekiso wesakheko

## ★ ★ ★ INCWADANA 2A

1. Lelikabani eli vili?
2. Ihlebo
3. Ngubani owophule ifestile?
4. Sibhaka nomakhulu

## ★ ★ ★ INCWADANA 2B

1. Ncedani bo!
2. Uphi uZinzi?
3. Iyho! Mkhulu lo mnqathe!
4. Sidlala undize

## ★ ★ ★ ★ INCWADANA 3A

1. UThenjiwe uthenga impahla
2. Isuphu yelitye
3. Mamela ingoma
4. Kuhlala bani apha?

## ★ ★ ★ INCWADANA 3B

1. Yhini, Mnumzana Nkawu!
2. Idabi lomoya nelanga
3. Amalungiselelo ohambo
4. Kusebusuku efama

## ★ ★ ★ ★ INCWADANA 4A

1. Imbovane nentothoviyane
2. Izinyo
3. Umvundla nofudo
4. Ilizwe lethu uMzantsi Afrika

## ★ ★ ★ ★ INCWADANA 4B

1. Idolophu yam
2. Ingonyama nempuku
3. Iminqweno emithathu
4. Abazingeli

(neNcwadana eneMizekelo yeeMpendulo)

Amaphepha eencwadana kweli nqanaba ongezelelwe, isicatshulwa ngokunjalo, ubude bezivakalisi, ukuguquguquka nobubanzi bezivakalisi, ulwimi olungqalileyo nolunkcazo icacileyo, nesigama esiqulathe ulwazi. Ukufunda kuya kuba lula, undoqo wolwazi iyintsingiselo yokubhaliweyo nangaphezu kokuhlasela ukufunda amagama angendlela eyayo, cwangciso olo olukhokelela abafundi ukufunda ngokuzimeleyo. Ezi ncwadana zibonelela ngamathuba okufunda ngamaqela, ngokukhokelwa, ngababini nangokuzimeleyo.

## ISIXHOSA